Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3 (EXEMPLAR)

**AMANQAKU:** **100**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO amaBINI:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-290–340.

1.1 Ndazibonela ngawam amehlo. **[50]**

1.2 Urhwaphilizo kwiinkonzo zikaMasipala. **[50]**

1.3 Umbane ongucimi-cimi eMzantsi Afrika. **[50]**


1.4 Isala kutyelwa sibona ngolophu. **[50]**

1.5 Ilizwe emva kweKhorona. **[50]**

1.6 Ukusetyenziswa ngokuchanekileyo nagwenxa kwamalungelo. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa.] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho umncome ngesenzo sokuhlangula umfundi obetshona elwandle. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kuMphathiswa wezeMpilo, ucele angenelele ngeenkqubo zokuphelisa uxinzelelo lwengqondo ezikolweni. **[25]**

2.3 **INGXOXO**

Bhala ingxoxo ephakathi kwakho nomzala wakho malunga novoto lukaZwelonke. **[25]**

2.4 **I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso yabahlali bengingqi yakho emalunga nokuxhatshazwa kwabasetyhini. **[25]**

2.5 **INGXELO ESESIKWENI**

Bhala ingxelo yotyelelo kwikhaya leenkedama ningabafundi bebanga leshumi elinanye. **[25]**

2.6 **INTETHO ENGEKHO SESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza koogxa bakho malunga nokuziphatha kolutsha. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha